UYesu Kristu UkwanguYe IZolo, NaNamhla Ase Nakuwo AMaphakade

Ngu

Mfu. William Branham

INTSHAYELELO

Le ncwadi ibhalelwe ukuze wonke oyifundayo azi ukuba uYesu Kristu usabaSindisa ebaPhilisa abantu.

Yinkolo yam ukuba Uzakuvela kwakhona kwamsinya.

Le ncwadi ibalisa ngendlela aWanyula ngayo inkwenkwe elihlwempu wayibizela kulungiselelo lwakhe, yaza le nkwenkwe yabaleka yemka kuYe okomzuzwana yabe yaphinda yabuyela kuYe ngentliziyo epheleleyo.

UMTHANDAZO

Owu Bawo oseZulwini, nceda usikelele wonke umntu ofunda le ncwadi.

Yenza ukuba bazi ukuba Uzakubiza iBandla elinamandla kungekudala, esingazanga salibona.

SisaKukholelwa.

Dala ulangazelelo kwintliziyo nganye kwaye, Owu Wena uLilungisa, nceda isicaka sakho esithobekileyo ukuba siwuthwale umyalezo waKho.

Ndiyazi ukuba Wandifihla ematyholweni, njengokuba Wenzayo kuMoses ngasizathu sithile.

Ngoko Bawo, ndincede ukuze ndilizukise igama lakho, ngokuba ndikucela egameni likaYesu.

Amen.

UYesu Kristu UkwanguYe IZolo, NaNamhla Ase Nakuwo AMaphakade

Ndazalelwa kwiSiphaluka saseCumberland, eKentucky, kwindlwana encinci yezigodo. Umama notata babetshate bebancinane ndaye ndandingumntwana wabo wokuqala. Ndaxelelwa ngumama ukuba kwathi ndakuba nenyanga ezintandathu ubudala, wabe utata engekho ekhaya, savingcelwa likhephu apho ezintabeni iintsuku eziliqela. Sasingenanto ityiwayo kwaye umama waye ephelelwa ngamandla njalo. Ekugqibeleni wacinga ukuba isiphelo sifikile. Wathi wahlanganisa zonke iimpahla zethu namashithi ebhedi wandithabathela ezingalweni zakhe wandisongela ngazo ukuze sihlale sifudumele kangangoko sasinokuba nako.

Mfundi othandekayo, ndiyakholwa ukuba ngeyaba sisiphelo eso ukuba uMsindisi wethu onothando akazange azibonakalise kuloo ndawo ngeloo xesha. Kodwa usoloko ekufutshane kwaye Uvela ngomzuzu ofanelekileyo. Wathetha kummelwane othandekayo onentliziyo engcwele yakudala wamxelela ukuba makhe azokubona ukuba kutheni na kungakhe kuqhume nje kwitshimbili yakuthi kwezi ntsuku zimbalwa zidlulileyo. Wathi akufika watyhunduza wangena kweloo bhodlo wafumana umama kunye nam sesiphantse safa yindlala. Wafuna iinkuni wabasa umlilo. Waphindela kweyakhe indlu waza wsiphathela ukutya. Ngokukhawuleza saba sekubeni siye ekufumaneni amandla nempilo kwakhona. Malibongwe igama laKhe ngenxa yoko.

Kwamsinya emva koko salishiya ilizwe laseKentucky sathuthela e-Indiana. Utata wayakusebenzela usofama ngase-Utica, e-Indiana. Sahlala apha isithuba sonyaka saza safudukela phambili sisihlisa intlambo ye-Ohio. Kwadlula iminyaka ethile ndase ndikhule ndakwixabiso lenkwenkwe kanye ukuthetha kukaThixo nam.

Ndandihamba ngolunye urhatya ndivela kukha amawzi ndiwasa endlwini ukusuka ephempeni, elalimalunga nobude besakhiwo sase sixekweni ukusuka endlwini. Malunga phakathi naphakathi ukusuka endlwini ukuya eshedini kwakumi umthi omkhulu wepampiri. Ndandisand'ukufika ekhaya ndivela esikolweni ngaloo njikalanga abe amanye amakhwenkwe ephuma esiya kwisiziba esidala esiyakuloba. Ndandililela ukuya kodwa utata wathi kufuneka ndithuthe amanzi. Ndandikhe ndema phantsi komthi lowo xa ndathi ndeva umoya uvuthuza amagqabi. Ndandisazi ukuba akukho ndawo yimbi ekwakuvuthuza kuyo. Yayikhangeleka iyinjikalanga ezole kunene. Ndathi qelele ukusuka emthini ndaza ndaqaphela ukuba indawo ekwisithuba esinokulingana nomphanda ikhangeleka iyiyo evuthuzelisa amagqabi. Kwaze kwaphuma iliwi lisithi: "Ungaze usele, utshaye, okanye uwungcolise umzimba wakho nangaluphi na uhlobo, ngokuba ndinomsebenzi wakho oyakuwenza wakukhula."

Yandothusa kangangokuba, ndabaleka ndagoduka kodwa andaxelela mntu ngaloo nto. Andizange ndakwazi ukusela okanye ukutshaya. Ndiyakholwa ukuba uThixo uzakwenza umsebenzi omkhulu kwimihla yokugqibela.

Ndakuba mdala ngokwaneleyo ukuba ndihambe negenge yolutsha, babedla ngokundiqhula ngelithi ndingusisi ngenxa yokungatshayi ndingaseli. Babeye bathi nkqu amantombazana ayetshaya ngokuba ayenesibindi ngaphezu kwam. Ndandinentloni ngoko ukubaxelela into eyayenzekile ebomini bam. Kodwa, zihlobo ezithandekayo, ngokuqinisekileyo ndiyalufumana uzuko ngokulibalisela ngayo ihlabathi namhlanje. Haleluya!

Malunga xa ndandinenyaka elishumi elinesine ndangxwelerheka ngendlela emanyumnyezi ekuzingeleni. Ndachitha iinyanga ezisixhenxe esibhedlele. UThixo wayethetha nam kodwa ndandingahoyi. Ubizo lwaya lusiba yinene ngakumbi nangakumbi kum. Kodwa njengokuba ndandingakhulelanga khayeni laBukristu ndazama ukulwala. Ngamaxesha amaninzi ndandiliva elaa lizwi lizolileyo lincinane lindibiza, kodwa ndandiye

ndiliphikise. Ndade ndafikelela ekubeni ndide ndingabi nakunyamezela nokuva oku kuthethwa ngenkonzo.

Ngenye imini ndagqiba kwelokuba ndifumene indlela yokuluphepha olwaa bizo. Ndandiphuma ndisiya entshona ndisiyakusebenza kwifama yezilwanyana. Sihlobo, uThixo mkhulu phaya ngaphandle kanye njengokuba enjalo nakweyiphina indawo. Wanga ungancedekala ngala mava am. Xa Ekubiza, Mphendule.

Ngantsasa ithile yangoSeptemba wowe-1927, ndaxelela umama ukuba ndandisiya kunkampisha e-Tunnel Mill, eyayimalunga namashumi amane eemayile ukusuka eJeffersonville apho sasihlala khona ngeloo xesha. Ndandise ndigqibile ukuceba uhambo oluya e-Arizona neetshomi ezithile. Wathi umama esiva ngam kwakhona, ndabe ndingekhoTunnel Mill kodwa ndisePhoenix, e-Arizona, ndibaleka kuThixo woThando. Ubomi basefama babamnandi okomzuzwana, kodwa basuka baguga kamsinya, njengalo naluphina ulonwabo lwasehlabathini. Kodwa ndingakhe nditsho mhlawumbi, Makabongwe uThixo, ngokuba amava okuhamba noYesu aya esiba mnandi ngokuba mnandi lonke ixesha awaze aguge. UYesu unika uxolo lokwenene nentuthuzelo lonke ixesha.

Maninzi amaxesha endandiye ndive umoya ubhudla kwimithi emide yepayina. Kwakukhangeleka ngokungathi ndiyaliva iLizwi laKhe libiza phaya ehlathini, lisithi, "Adam, uphi na?" linkwenkwezi zazikhangeleka zikufutshane ngokungathi ungazichola ngezandla. UThixo wakhangeleka ekufutshane ngolona hlobo.

Inye into esengathi isathetha lukhulu kum malunga nelaa lizwe ziindlela ezisentlango. Ukuba ukhe waphuma nje endleleni, uyalahleka. Ngoko abakhenkethi abaninzi baye babone intyatyambana yasentlango baphume kumgaqo omkhulu baye kuyikha. Bajikeleze apho entlango baze ngamanye amaxesha bafe lunxano. Ngoko kusendleleni yoBukristu — uThixo unomgaqo omkhulu. UThetha ngawo ku-Isaya, isahluko sama-35. Ubizwa ngokuba "Yindlela yobuNgcwele." Ngamaxesha amaninzi

ulonwatyana oluncinci lwasehlabathini luyakutsala lukukhuphe endleleni enkulu. Ulahlekelwe ngamava akho noThixo. Entlango xa ulahlekikile, ngamanye amaxesha kuye kuvele isanga. Kubantu abafa lunxano, isanga siba ngumlambo okanye ichibi. Ngamanye amaxesha abantu babalekela kuzo baziphose suke bafumanise ukuba baqubha nje kwintlabathi eshushu. Ngamanye amaxesha uSathana ukubonisa into athi kukuzonwabisa. Lithemba elingelilo elo isanga, yinto engeyoyokwenene. Ukuba uye waphulaphula uyakuzifumana uzifumbela usizi kuphela phezu kwentloko yakho. Musa ukumhoya, mfundi othandekayo. Kholwa kuYesu obanika amanzi aphilileyo abo balambileyo benxaniwe.

Ngenye imini ndafumana incwadi evela ekhaya indixelela ukuba omnye wabaninawa bam ugula kakhulu.

Yayingu Edward, owayendalekela. Kakade ndandingacingi nzulu, ngoko ndakholwa nje ukuba uzakuphila. Kodwa ngolunye urhatya emva kwentsuku ezimbalwa xa ndandibuya edolophini ndidlula eholweni ekudlelwa kuyo phaya efama ndabona iphepha phezu kwetafile. Ndalithatha. Ndafunda, "Bill, yiza apha kwidlelo elingentla. Ibaluleke kakhulu." Emveni kokufunda eso saziso saphuma saya edlelweni indim netshomi yam. Umntu wokuqala endahlangana naye yayingunomahlathi omdala we-Lone Star oweyesebenza kuloo fama yezilwanyana. Igama lakhe yayinguDurfy, kodwa ke sasimbiza ngokuba ngu "Pop." Wabonakala enosizi ebusweni bakhe xa wayesithi, "Billie mfana, ndinendaba zakho ezilusizi." Kwathi ngeloo xesha wafika umphathi-basebenzi. Bandixelela ukuba kusandula kufika ucingo oluchaza ngokusweleka komntakwethu.

Sihlobo esithandekayo, kwaba mzuzu ndingakwazi kushukuma. Yayikukufa kokuqala kwindlu yakuthi. Kodwa ndifuna ukuthi into yokuqala endayicingayo yayikukuba ingaba ebekulungele na ukufa. Ekujikeni kwam ndikhangela ngaphaya kweloo thafa ligwangqa, iinyembezi zehla ngezidlele zam. Ndakhumbula indlela esasisokola ngayo kunye sisengamakhwenkwana nendlela ekwakunzima ngayo kuthi.

Sasisiya esikolweni phantse singenanto yaneleyo yakudla. Iinzwane zazithe gqi ezihlangwini zethu kwaye kwakufuneka sinxibe iidyasi ezindala eziqhotyoshwiweyo entanyeni ngokuba sasinganxibanga zihempe. Ndiyakhumbula kwakhona ukuba uMama ngenye imini wayenolugcado kuthiwa zii-pop corns ebhekileni encinci ukuze sifumane isidlo. Sasingadli nabanye abantwana. Sasingenako ukuba nokutya okufana nokwabo. Sasisoloko sijikela emva kwenduli. Ndikhumbula ukuba ngaloo mini sasifumene loo magcadwana mahle sacinga ukuba hayi sitendwe mpela. Ngoko ukuqinisekisa ukuba ndiyasifumana esam isabelo salo ndaphuma kungekabi semini enkulu, ndakha sacumba isandla phambi kokuba azahlulele esakhe isabelo umntakwethu.

Ndime njalo apho ndikhangele eloo thafa libharhiswe lilanga ndacinga ngazo zonke ezoo zinto ndakhwankqiswa kukuba ingaba uThixo umse kweyona ndawo ingcono na. Kwaze kwakhona uThixo wandibiza, kodwa njengesiqhelo ndazama ukulwala.

Ndalungiselela ukuya ekhaya emngcwabeni. Ngexesha uMfundisi uMcKinny weNkonzo yasePort Fulton, indoda efana notata kum, wayeshumyela umgcwabo wakhe wachaphazela into yokuba "Kungenzeka ukuba kubekho abathile abangamaziyo uThixo apha, ukuba kunjalo, mamkele ngoku."

Owu ndatshela mpela esitulweni sam, uThixo wayesebenza kwakhona. Mfundi othandekayo, xa ebiza mphendule.

Andinakuyilibala indlela usizana olunguTata noMama abalila ngayo emva komngcwabo. Ndandifuna ukuphindela eNtshona kodwa umama wandicenga kakhulu ukuba ndihlale ndade ekugqibeleni ndavuma ukuhlala ukuba umsebenzi ndiyawufumana. Ndafumana umsebenzi kwangoko kwiQumrhu loMsebenzi kaWonke-wonke lase-Indiana, apho ndiqeshwe khona ngoku.

Kwisithuba seminyaka emibini emva koko xa ndandivavanya iibhokisi zokulinga kwisitora seMisebenzi yeGesi eNew Albany ndayotywa yigesi ndaphatheka kakubi yiloo nto iiveki eziliqela. Ndaya kubo bonke oogqirha endandibazi. Andizange ndifumane siqabu. Ndakhathazwa sisisu esinencindi emuncu, esabangwa kukuchaphazeleka kulaa gesi. Ndaya ndibambeka njalo. Ndaze ndasiwa koogqirha besikhawu eLouisville, E-Ky. Bathi ekugqibeleni lithunjana bathi ndizakwenziwa uqhaqho. Andizange ndikholwe, ngokuba ndandingeva zintlungu ephangweni lam. Ogqirha bathi akusekho banokuyenza kum iyenye ndide ndibe ndenziwe uqhaqho. Ekugqibeleni ndavuma kodwa ndanyanzelisa ukuba basebenzise isibulali zintlungu esifakwa kuloo ndawo kuphela ukuze ndilubukele oloo qhaqho.

Owu, ndandifuna umntu othile onokuma ecaleni kwam owayesazana noThixo. Ndandikholelwa emthandazweni kodwa ndingakwazi ukuthathandaza mna. Ngoko umfundisi ovela kwiBandla lokuQala lamaBhaptizi wahamba nam ukuya kwigumbi loqhaqho.

Bakundithatha bendisusa etafileni ukundisa ebhedini yam ndaya ndiziva ndiphelelwa ngokuphelelwa ngamandla lonke ixesha. Intliziyo yam yayingabethi ncam. Ndakuva uKufa kuphezu kwam. Wawusiya unqamka oko umphefumlo wam. Ndazi ukuba ndifikile esiphelweni sendlela yam. Owu sihlobo ukuba nje ukhe wafika kuloo meko uyakuqala ukucinga ngezinto ezininzi owakha wazenza. Ndandisazi ukuba andizange nditshaye, ndisele okanye ndingenayo namikhwa ingahlambulukanga kodwa ndandisazi ukuba andikulungelanga ukubonana noThixo wam.

Sihlobo sam, ukuba ulilungu elifanelekileyo elibandayo nje lecawe uyakuze wazi ukuba awusilungelanga sakufika isiphelo. Ngoko ukuba kuphela kwendawo oyaziyo leyo ngoThixo, ndiyakucela khona apha ukuba uguqe ngamadolo akho ucele uYesu ukuba akunike laa mava okuZalwa ngokutsha, njengokuba Wamxelela ngako uNikodimo kuYohane, isahluko sesi-3, yaye owu iintsimbi zovuyo ziyakukhala — Malibongwe iGama laKhe.

Kwaqala ukuya kuba mnyama kwigumbi lesibhedlele ngokungathi kusetyholweni elikhulu. Ndandiwuva umoya uvuthuza emagqabini, kodwa ke kungathi utsho mgama phakathi ehlathini. Inokuba wakhe wakuva ukuvuthuza komoya emagqabini, kusiya kusondela ngokusondela kuwe.

Ndacinga, "Oo, kukufa oku kusiza kundithatha." Owu! Umphefumlo wam wawuzakuhlangana noThixo, ndazama ukuthandaza kodwa andizanga ndikwazi.

Waya usondela umoya, usiya usiba nengxolo ngakumbi. Avakala ebethana amagqabi ngesiquphe kwaphela ngam.

Kwabonakala ngathi ndiphindele ekubeni yinkwenkwana encinci ehamba ngeenyawo, ndime phaya endleleni phantsi kwalaa mthi mnye. Ndaliva elaa lizwi lalisithi, "Ungaze usele okanye utshaye." Kwaye la magqabi ndandiweva yayikwa ngalawa ayevuthuza kulaa mthi ngalaa mini.

Kodwa kwesi sihlandlo ilizwi lathi, "Ndakubiza awafuna kuya." Laphinda-phinda okwesithathu.

Ndaze ndathi, "Nkosi, ukuba nguwe lowo, ndivumele ndiphindele emhlabeni kwakhona yaye ndiyakuyishumayela iVangeli yakho ndisusela phezu kwezindlu ukuya kuma ezimbombeni zezitrato. Ndakuxelela wonke ubani ngayo!"

Wathi wakudlula umbono, ndafumanisa ukuba ndandingekabi ngcono. Ugqirha wam wayeselapho kweso sakhiwo. Weza wandikhangela wamangaliswa. Wakhangeleka ngokungathi ebecinga ukuba ndifile, waze wathi, "Andingomntu uhamba nkonzo, kukhulu endikwenzayo, kodwa ndiyazi ukuba uThixo uyindwendwele le nkwenkwe." Ukuba yintoni na eyabangela ukuba atsho, andiyazi. Akuzange kubekho mntu waba nanto yakuthetha malunga nayo. Ukuba Ndandikwazi ngoko oko ndikwaziyo ngoku, ngendavuka kuloo bhedi ndikhwaza uMalibongwe iGama laKhe.

Emva kwentsuku ezimbalwa ndakhululwa ukuba ndigoduke kodwa ndandisagula kwanyanzeleka ukuba ndifake iindondo emehlweni am ngenxa yokungaboni kakuhle. Yayisuka ishukume intloko yam ndakujonga nantoni na umzuzwana.

Ndaqalisa ukufuna nokufumana uThixo. Ndaya kwicawe necawe ndizama ukufumana indawo ekunokuthi kuyo kubekho laa ndlela indala yokubizwa kwabantu abazinikelayo. Eyona nto ilusizi kukuba andizange ndiyifumane. Ndathi ukuba ndakuze ndibe nguMkristu, ndakuze ndibe nguye ngenene. Umfundisi owandivayo ndithetha oko wathi, "Ngoku Billy mfana, uphuma ecaleni ekuPhokotsheleni." Ndathi ukuba ndakuze ndibe nonqulo ndifuna ukuluva xa lufika njengokuba benzayo nabafundi.

Owu malibongwe igama laKhe. Ndafumana ukholo emva koko ndaye ndisenalo, kwaye ngoncedo lwakhe ndakulugcina njalo.

Ngobunye ubusuku ndamlambela ngeyona ndlela uThixo kunye namava okwenene ndade ndaphuma ndaya eshedini emva kwendlu ndazama ukuthandaza. Ndandingazi ukuba ndithandeze kanjani na ngoko ndaqalisa ukuthetha naYe njengokuba bendinokwenza nakubani na. Kwasuka ngequbuliso kwangena ukukhanya eshedini kwenza umnqamlezo kwaphuma ilizwi emnqamlezweni apho lathetha nam ngolwimi endingazange ndilive. Kwaza kwemka. Ndamatsheka. Ndathi ndakubuyela ezingqondweni, kwakhona ndathandaza, "Nkosi ukuba nguwe lowo, nceda uphinde uzokuthetha nam kwakhona." Ndandiyifunda ke iBhayibhile yam ukusukela oko ndaphuma esibhedlele ndaba sekhaya ndandifunde kuYohane 4, "Zintanda musani ukukholwa ngomoya bonke, bacikideni omoya ukuba ngabakaThixo na."

Ndandisazi ukuba kukho umoya ovelileyo kum, ndathi ndisathandaza wavela kwakhona. Kwaze kwavakala kum ngokungathi kukho ubunzima obuliwaka leeponti obususiweyo emphefumlweni wam. Ndaxhuma ndabaleka ndaya endlwini kwakhangeleka ngokungathi ndandibaleka emoyeni.

Umama wabuza, "Bill, kwenzeke ntoni kuwe?" Ndaphendula, "Andazi kodwa ndiziva ndonwabile ndilula ngolona hlobo." Andizange ndibesakwazi ukuhlala endlwini kwakhona. Kwafuneka ndiphume ndibaleke.

Ndandisazi ngoko ukuba ukuba uThixo wayefuna ukuba ndishumayele wayeyakundiphilisa, ngoko ndaya kwinkonzo eyayikholelwa ekuthambiseni nge-oli ndaza ndaphiliswa ngephanyazo. Ndabona ngoko ukuba abafundi babenento ethile abefundisi abaninzi abangenayo namhlanje. Abafundi babebhaptizwe ngoMoya oyiNgcwele ngoko benako ukuphilisa abagulayo benze nemimangaliso yamandla eGameni laKhe. Ndaqalisa ke ukuthandazela ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele ndaze ndalufumana.

Ngenye imini kwisithuba seenyanga ezintandathu emva koko, uThixo wandinika umnqweno wentliziyo yam. Wathetha nam esekukhanyeni okukhulu endixelela ukuba ndiyokushumayela ndithandazele nabagulayo kwaye Eyakubaphilisa kungathaliseki nokuba sifo sini na abanaso. Ndaqalisa ukushumayela nokwenza into awandixelela yona ukuba ndiyenze. Owu sihlobo, andinakuqalisa ukukuxelela into eyenzekayo: Amehlo eemfama avulwa. Iziqhwala zahamba, imihlaza iphilisiwe nentlobo ngentlobo zemimangaliso yenziwa.

Ngenye imini emazantsi eStalato i-Spring, eJefferonville, e-Indiana, emva kwemvuselelo yeeveki ezimbini, ndandibhaptiza i-130 labantu. Kwakungemini eshushu ka-Agasti yaye kwakukho abantu abakumawaka amathathu. Ndandizakubhaptiza umntu we-17 kwaza kwasuka ngequbuliso ndeva elaa lizwi lincinane lithambileyo lisithi, "Khangela phezulu." Isibhakabhaka sasifana nesinyithi ngaloo mini ishushu ka-Agasti. Kwakungazange kubekho mvula isithuba seeveki ezintathu. Ndaliva kwakhona elaa lizwi, kwakhona okwesithathu lathi, "Khangela phezulu."

Ndajonga phezulu nako kusihla esibhakabhakeni inkwenkwezi enkulu ekhanyayo endandikhe ndayibona kaninzi ngaphambili kodwa ndingazanga ndanixelela ngayo. Ngamaxesha amaninzi

ndakhe ndabalisa ngokuvela kwayo ebantwini basuke bahleke kuphela bathi, "Bill, uyayiqikelela nje loo nto. Mhlawumbi ubuphupha." Kodwa makabongwe uThixo, kwesi sihlandlo WayeZibonakalise Etyhileke kubo bonke, ngokuba yasondela kakhulu kum andakwazi nokuthetha. Emva kwemizuzwana embalwa, ndakhala baza abantu abaninzi bajonga bayibona inkwenkwezi ilapha phezu kwam. Abanye bayoba logama abanye babekhwaza abanye ke bebaleka bemka. Kwaze ukukhanya kwaphindela esibhakabhakeni, yaye indawo le yayisuke kuyo imalunga neshumi elinesihlanu leenyawo, liphindiwe yaze le ndawo yashukuma oko ijikajika mhlawumbi ngokungathi ngamaza agqumayo. Kwakwenzeke kule ndawo ilifu elincinci elimhlophe, yaze inkwenkwezi yamkelwa yenyuka apho kweli lifu lincinci.

Mfundi othandekayo, ukuba bendinaso nje isithuba kule ncwadi sokukuxelela izinto ezininzi ezithe zenzeka, nokokuba wakhiwa kanjani na umnquba wethu, neemvuselelo ezininzi ezinamandla esikhe sazibamba. Abantu beze besuka macalana onke ukuza kuphiliswa. Kodwa ndizakuyenza le ncwadi ibe ncinane kangangoko ukuze ithengiswe ngenani eliphantsi khon'ukuze ifumaneke kubo bonke. Ezi zinto zezokukwazisa ukuba uYesu Kristu usenguye njengokuba ebenjalo izolo nanamhlanje eyakuba njalo ngonaphakade, nokokuze ukholwe kuye usindiswe. Ukuba unako, nanini na imvuselelo zethu zikufutshane kuwe, nceda uye kuzo.

UBUNGQINA

Ngoku kula maphepha alandelayo ufumana ubungqina Bobuntu obuvela kwabambalwa abaphiliswe kwezinye zeendibano zethu.

Ndandise sibhedlele eNew Albany, eIndiana ukuva kwam ngoMzalwana uBranham. Ndanditshayiswe yimoto. Ngokuphandle iimbambo zam zazophuke zonke. Umqolo wam wawukrunekile. Ndandisisigulana esingathembisiyo, kwisithuba soncedo lwamayeza.

UMzalwana uBranham wandithandazela, ngephanyazo imbambo zam zabuyela endaweni yazo, nomqolo wam ngokunjalo. Ugqirha akazange abe nakuyiqonda ukuba yenzeke njani na. Ndaphakama, ndanxiba impahla yam, ndagoduka, ndaphindela emsebenzini.

Makabongwe uThixo ngaMandla aKhe eMpiliso.

William H. Merrill, 1034 Clark St., New Albany, Ind.

Bendingumlwelwe iminyaka emininzi. Ndilele ebhedini ithuba elide. Amalungu am ayeshwabene ndingakwazi kuhamba ke ngoko. Ugqirha wathi andinakuze ndikwazi ukuhamba. Ndeva ngoMzalwana uBranham nendlela uThixo awuphendula ngayo umthandazo wakhe. Ndambiza ke ngoko. Weza ke inguye nomnye umfana obizwa ngokuba nguDe Ark, wandithandazela. Ngoko nangoko aphiliswa amalungu am. Ndakwazi ukuhamba. Ndisahamba nangoku. Sekuyiminyaka emine eyadlulayo yathi yenzeka loo nto.

Ndiyamdumisa uThixo ngenxa yaMandla akhe anguMmangaliso.

Nkosik. Mary Der Ohanion, 2223 E. Oak St., New Albany, Ind.

Kulowo Inokuthi inxulumane naye.

Bendingumlwelwe ixesha elide. Amalungu aphukile ndingenakukwazi ukuhamba kwakhona. Ngokomyalelo ovela kuGqirha. Unyana wam wandiqhuba ngesitulo sam esinamavili, wandisa kwindibano kaMzalwan'uBill. Ngobo busuku ndabona indoda ihamba eyayingazange yahamba iminyaka eli-18 yonke. Ndaphinda ndabona indoda ivulwe amehlo ihamba iphuma enkonzweni ingancediswa bani. Yayiyimfama isithuba sama-40 eminyaka, nabanye abaninzi, imilwelwe neentlobo zonke zezifo ziphiliswa ngobo busuku. Ngoko kwathi yakuba lithuba lam ukuba ndithandazelwe, ndaba nokholo lokukholwa kuYesu, ukuba wayenguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. UMzalwana uBill wandithandazela, wandibamba ngesandla wathi, "EGameni likaYesu — hamba."

Ndawava amandla kaThixo esiza phezu kwam. Imilenze yam eyayibambeke phambi kwam yachukumisa umgangatho ndaqalisa ukuhamba, nokudumisa uThixo, ndasishiya apho isitulo sam esinamavili esidala ndahamba ndidlula izakhiwo ezininzi zesixeko ukugodoka.

Nkosk. T. Hargrove, 149 Spring St., Jeffersonville, Indiana

Ndancanywa ndanikelwa ekufeni kwiminyaka emibini eyadlulayo ndinomhlaza. Ndandimazi uMzalwana uBill iminyaka eminzi. Ndimazi njengomntu olilungisa ndandike ndaya kaninzi kwiinkonzo zakhe. UThixo emsikelela esenza imimangaliso emininzi-ninzi ngaye. Ndambiza ukuba andithandazele. Umhlaza i-cancer yam yanyamalala.

Ndisonwabile, ndidumisa uThixo ndimbulela.

Nkosk. L. Stinner, Missouri Ave., Jeffersonville, Indiana

Ndandincanyiwe ngugqirha wosapho lwakuthi, ndiselelwe nje ziyure ezimbalwa ukuba ndiphile. Ndandigula iminyaka emithathu ndinomhlaza.

Indoda egama linguWiseheart yandixelela ngoMzalwana uBill. Baqhuba iimayile ezingama-35 benqumla ekhephini nasengqeleni ukuza kundifuna. Ekufikeni kwabo apho, iqela lezihlobo zam nezalamane zazihlanganisene zizokundibona okokugqibela. Iintombi zasezizithengile iimpahla zengcwaba zokuya kundibeka. Ndandiphantse ukungabikho zingqondweni ukufika kukaMzalwana uBill apho. Wacela bonke abangakholwayo ukuba baphume apho endlwini. Waza waguqa wandithandazela. Ndaweva amandla kaThixo phezu kwam akusibeka phezu kwesam isandla sakhe, kwaza ngephanyazo ndeva ukuba umhlaza wawumkile.

Ndaphakama ndema ngenyawo ndidumisa uThixo ngamandla akhe. Kwakukwiminyaka emine eyadlulayo yaye andizanga ndiphinde ndibe na-cancer okokoko.

Makabongwe uThixo ngokuLunga kwaKhe.

Nkosk. Sarah Hoyse, Middletown, Ind.

Ndandisisilima ukusukela ekuzalweni. Ndandingakwazi ukuhamba okanye ukusebenzisa izandla zam neengalo. Ndeva ngendawo apho uMzalwana uBill wayeqhuba khona indibano emangalisayo yempiliso. Ndaya ndabona izinto ezininzi ezimangalisayo zisenziwa ngokholo egameni likaYesu nangokubekwa izandla.

Umzalwana uBill wandithandazela, waza wandigqala wathi, "EGameni likaYesu, hamba." Ndeva amandla kaThixo ephezu kwam. Ndathobela loo nto wayithethayo okokuqala ebomini ndaqalisa ukuhamba. Ndandinama-35 eminyaka ubudala.

UThixo kule mihla yokugqibela wenza imisebenzi emangalisayo.

Malibongwe iGama laKhe ngonaphakade.

Intombazanana yethu, uBetty, ibigula isithuba seenyanga ezintathu. Saza sabiza oogqirha ababini abaziwayo kwesi sixeko, kodwa kwabonakala ngathi, abanakumfumanisa unobangela. Ngokunjalo sibize nabefundisi ababalulekileyo besi sixeko nabelizwe elisingqongileyo ukuze bayithandazele. Yaya ikhula kancinane ukuba mbi imeko yayo. Saza saya eJeffersonville, e-Ind., kwindoda egama lingu Mfu. Wm. Branham, onesipho sokuphilisa ngobuThixo. UMzalwna uBill, njengoko ebizwa njalo, weza kuthi ngoko nangoko. Emva kweeyure zokuthandaza, wangena wasixelela ukuba iNkosi imbonise umbono wento amakayenze ngoBetty wethu omncinane. Wayelufele nje namathambo eshukuma lonke ixesha ngokungathi unesifo sokufa umzimba. UMzalwana uBill wabuza ukuba siyakukholwa na kuThixo siyithobele na into Athi masiyenze. Akuba ethandazile wabiza igama likaYesu phezu kwakhe, intombazanana yethu yaphiliswa ngesiquphe. Loo nto yenzeka kwiinyanga ezili-10 ezidlulileyo. Ngoku uBetty wethu omncinane ukwimpilo epheleleyo yaye utyebe kangangoko. Ndiyakuvuya ukubhalela nabani na obuza ngempilo yakhe yokuphiliswa, okanye ngazo naziphi na ezinye iimpiliso ezenzeka kwimvuselelo uMzalwana uBranham awayeyibambe eSt. Louis ngowe-1945.

Impiliso eyenzeka eSt. Louis eMvuselelweni ifumaneka kwincwadi esihloko sithi "Umbono waseMazulwini," ngokubhalwa nguMzalwana uBranham. Qiniseka ukuba uyayifunda.

Mfu. Robert Daugherty, 2009 Gano Ave. St. Louis, Mo.

KULOWO INOKUTHI INXULUMANE NAYE:

Ndandilele ngomqolo ebhedini iminyaka esi-8 eneenyanga ezi-9 ndine T.B. isifo sephepha oogqirha sebendincamile. Kwakunzima nokuba ndibenobunzima obungama-50 eeponti yaye kwabonakala ngathi aphelile onke amathemba. Kwaza kwesuka

eJeffersonville, e-Ind., malunga nama-35 eemayile ukusuka ekhaya, uMfu. Wm. Branham, kumbono awawubonayo wexhwane elalibambeke entlango likhwaza "Milltown" (Kulapho ndihlala khona ke apho.) UMzalwana uBranham wayengazanga weza apha mhlawumbi azi mntu ungowalapha. Ekungeneni, wandibeka izandla wathandaza, ebiza igama leNkosi yethu ethandekayo uYesu. Kwaba ngathi kukho into endibambayo ngesiquphe ndema ndibulela uThixo ngamandla aKhe okuphilisa. Ndaphumela ngaphandle okokuqala kwiminyaka esi-8, ndaza ndabhaptizwa emlanjeni, egameni likaYesu Kristu. Ngoku ndingumdlali wepiyano kwibandla lamaBhaptizi elilapha. Kuninzi okunye okuhamba nalempiliso inkulu. Andinandawo yakububhala bonke kobu bungqina. Ndiyakubhala ngovuyo ngokuzeleyo kuye nabani na onomdla kwimpiliso yam.

Georgia Carter, Milltown, Indiana.

KULOWO INOKUTHI INXULUMANE NAYE:

Ndandenziwe uqhaqho ndaze ndanemo yomhlaza ukusukela koloqhaqho. Ndenze konke endikwaziyo ukuzama ukubuyela empilweni yam, kodwa ndasilela. Inkosikazi yam yayigula nayo saza seva ngoMfu. Branham nendlela uThixo asebenza ngayo ngaye ukuphilisa abagulayo. Saya ekhayeni lakhe ngenye injikalanga yangeCawe malunga nenyanga ezintandathu ezidlulileyo, sathi sakufika apho safika kukho abanye bezele kwa into enye, bephiliswa. Saza sathethana noMzalwana uBranham sabuza ukuba kukho into esinokuyenzelwa na. Samxelela ukuba singamaKatolika kodwa wasixelela ukuba impiliso yobuThixo yayifikelela kubo bonke abakholwayo. Wasazisa ngenenekazi elingumKatolika elathi lamkeliswa ukubona ekubeni lamcelayo uThixo ubuka alincede, kwaye ngoku lifunda amagama abhalwe kancinane. Laliyimfama kangangoko lade lakhokelwa ukuya endlwini yakhe. Emva koko sathandazelwa mna nenkosikazi saza saphiliswa sobabini. Umhlaza wam wanyamalala! Ngoku sonwabe

ngolona hlobo sisempilweni njalo kusasa ekuseni ndivuka ebhedini ndithandaze iiyure ezi-3 ndithandazela uMzalwana uBranham nomsebenzi wakhe kaThixo. Ndineshishini lombane apha esixekweni kwaye qho kusasa ngeCawe siya kwi-mass yakusasa kakhulu size singxame siye kuMnquba kaBranham. Siya nakwiinkonzo zangokuhlwa nemithandazo yangokuhlwa ngoLwesithathu. Sinexesha elimnandi kakhulu yaye kufana nokuphila kwihlabathi elitsha. Ndiyakuyiphendula ngovuyo nayiphi na incwadi efuna inkcazelo ngempiliso yam.

Louis H. Head, 417 Garnet Court, Louisville, Ky.

Ndifuna ukongeza ubungqina bam ndisenzela uzuko lukaThixo ngokusingisele kwimpiliso yobuThixo. Isithuba esimalunga neminyaka elishumi elinesithathu ndandiphethwe lukhwekhwe, olwathi lwaya likhula lisiba libi ngakumbi, yade imiphandle yezandla zam nemiphezulu yeenyawo zam yaluqweqwe olulukhuni. Yayidumbe kakubi ibuhlungu kakhulu. Ngo-Epreli umhla we-11, ngowe-1945, uMzalwana uBranham wandithambisa wandibeka izandla ethandaza, kodwa endaweni yokuba ngcono, ndaqhubeka ngokuya ndigulela phambili, kwaye njengokuba ndandisebenzisa isithambiso ezandleni nasezinyaweni zam, ndacinga ukuba seso sizathu esibanga ukuba ndihgaphiliswa. Ngoko ke ndagqiba kwelokuba ndiyeke ukusebenzisa iyeza ndiyiyekele imeko yam ngokupheleleyo eNkosini. NgoJuni umhla we-10, uMzalwana uBranham noMzalwana uSeward bandithandazela kwakhona yaza iNkosi yandiphilisa, Malibongwe iGama laYo elingcwele! Ngaphambili uMzalwana uBranham wayekhe wandithambisela ukuba amalungu etyhafile. Iinyawo zam zazibuhlungu kangangokuba ukuhamba yayikukungcungcutheka kum. Kodwa ukususela oko ndathanjiswayo, inyawo zam zaya zisomelela, kwaye namhlanje ndinokuhamaba umgama omde ngaphezulu zingadinwa inyawo kunokuba zazinjalo kumganyana nje ndingekathanjiswa. Ndaye ndifuna ukongeza ukuba

asingomava okuqala la kum ngempiliso yobuThixo. Kwiminyaka engamashumi amabini ananye eyadlulayo, ndaya kwinkonzo eyayiqhutywa nguMfu. C.H. Erickson eColumbus, e-Ind. Abanye baphiliswa kwizigulo ezahlukeneyo njengokuba mna ndandikhathazwa sisifo senwebu yamathatha kakubi ndinethumba kwiliso lam lokunene lade laba bundisitha ekuboneni (lalisenako nokundiphanyaza ngelo xesha), nam, ngokwam, ndacela iNkosi ukuba indiphilise Yaze yenza njalo. Andizange ndibe sahlutshwa kwakhona zizo zozibini ezi zigulo. Ndayamkela le ntsikelelo ndihleli esitulweni sam, njengokuba ndandingacelanga mithandazo kuMfu. Erickson. Ndibe lingqina lempiliso ndeva ndafunda ngobungqina babanye. Phantse kwiminyaka emibini edlulileyo ndadlula kumzi ongaseProspect, e-Ky. Usana oluncinane, olugulayo lwalungqengqe kumandlalo eyadini unina wandixelela ukuba lalidlule kwiinyanga ezine ubudala kwaye laligula bonke obo bomi balo bufutshane. Lwalunciphe kakhulu lungakwazi ukuthabatha isidlo ngaphandle kokuba lukhale zintlungu. NgeCawe elandelayo ndaxelela uMzalwana uBranham ngaloo mntwana. Yena kunye nebandla balithandazela olo sana, kwaza kwiveki ezimbalwa emva koko ndadlula kwelo khaya kwakhona ndabuza ngolo sana. Lwalusiya luba ngcono lisiba nesiqu. Ndaya kulubona, kwaye lwalusidla ukudla likuvuyela futhi. Kubhaliwe ukuba uBawo wethu wasezulwini wanika uNyana waKhe uYesu Kristu, onke amandla ezulwini nasemhlabeni, waze waMnika igama elingaphezu kwawo onke amagama, noPetros wathi kwakusegameni laKhe, ngokukholwa kwigama laKhe, kungoko yathi yaphiliswa laa ndo da isisiqhwala yayiseSangweni leTempile. Kukwa kwelo gama linye lozuko ezenziwa ngalo ezi zinto zimangalisayo namhlanje. Xa ke siphiliswe ngomthandazo wokholo, asikukuphela kwentsikelelo esiyifumanayo le, koko ihamba kunye nesiqinisekiso sezono ezixolelweyo. Uyakobi 5:5.

Masibulele kuThixo ngokuba kwelihlabathi leenkathazo namhlanje, sinamadoda anjengoMzalwana uBranham, u-Erickson, uJohn Sproul namanye athe uMoya wawapha isipho sempiliso yobuThixo. UYesu Kristu isenguye izolo, namhlanje

nangonaphakade. Kwaye unako ekukhuthalele ukusiphilisa kanye njengokuba wayenjalo ngokuya Wayeshumayela iVangeli yoBukumkani ephilisa abantu kwikhulu elinethoba leminyaka eyadlulayo. Ndikhe ndambona uJoan Gray, usana oluncinane olwalugula, ngo-Agasti ngowama-26. Ngoku udlule kuma-27 eenyanga ubudala yaye uphilile usempilweni kangangoko enokuba njalo.

Owenu kuKristu uYesu,

G.W. Jones, 705 E. Maple St., Jeffersonville, Ind.

Zihlobo ezithandekayo, bakhona abanye abaphilisiweyo abanokuthanda ukunika ubungqina babo njengamangqina wamandla kaThixo kodwa asinasithuba kulencwadi incinci. Obu bungqina bunikiweyo bobokunikhuthaza ukuba nikholwe kuYesu Kristu nokuze nimazi njengoMsindisi noMphilisi wenu.

Abaninzi abafunda iBhayibhile, bathi, "Akwaba ndandiphila kumaxesha eBhayibhile, bendinokuya kuYesu Ebeyakundinceda." Sihlobo, ulapha namhlanje ukuze akuncede, njengokuba wayenjalo ngalaa mhla. Kholwa kuphela kuMoya oyiNgcwele, uliNgqina likaYesu. Nceda, kanye kuloo ndawo ukuyo, kholwa kuYe, yaye uyakuphiliswa.

INTSHUMAYELO

Umxholo wethu ufumaneka ku-Isaya, 53:5.

"Kanti yena uhlatywe ngenxa yezikreqo zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo thina lube phezu kwaKhe; siphiliswe ngemivumbo yakhe."

Ngoku sihlobo, iBhayibhile ithi, "Siphiliswe ngemivumbo yaKhe yaye." Siyakuvuma ukuba sisenalo uxolelo lwezono zethu ngokuchithwa kwegazi laKhe, akukhathaliseki nokuba yintoni na esayenzayo. Ngoba? Ngokuba yayikwintlawulelo, imivumbo yaKhe yeMpiliso yayingekho kuloo ntlawulelo nayo? Ukuba ke ngoko uhlawulelo lwempiliso lwalahlekelwa ngamandla alo ngoko ke usesezonweni zakho kuba intlawulelo yezono zakho yenziwa ngeGazi elinye elisuka kumntu omnye kwindawo enye, ngexesha elinye, ngemini enye.

Ngoko ke kufuneka uthi zisebenza kunye kungenjalo ke zombini azinamsebenzi.

Hayi, sihlobo, kholwa kuYesu ngenxa yempiliso yakho kanye njengokuba umkholelwa ngenxa yezono, zakho intlawulelo ke iyakuba nesiqhamo esinye. Iyakukusebenzela ndlela zombini, xa ukholwa ukuba yayenzelwe wena namhlanje kanye njengokuba yayenzelwe abayaa kulaa mhla.

Kanye njengokuba usihla usiya emlanjeni usiya kuwela ngenqanawe yokuwela, ubona abanye bewela, ngoko ungathini ukungaweli wena? Awuyi kumphathi waloo nqanawa umbuze ukuba ingaba iyakufika na apho iyayo okanye hayi. Uhlawula nje imali yokukhwela, ukhwele uhlale phantsi. Kukumqhubi ke ngoko ukukuweza umlambo.

Kuyindlela enye nakwiMpiliso kaThixo, wakubona abanye bephiliswa ungaphiliswa nawe. Yiya kuYesu kuphela. Intlawulo yokukhwela ke kule imeko lukholo, kube kuYesu ke ngoku ukukuphumeza.

Owu, mzalwane nodade, kholwa kuYe, nawe ngokwakho ungaphila. Umhla weMimingaliso awudlulanga kwabo bakholelwa ukuba awusekho.

Yintoni into oqala ngayo ukuyenza xa uceba ukwenza ipikniki utyelelo lwasendle? Uye ukhangele isalatha-maxesha soomama ubone ukuba sithi iyakuba isina na okanye lizolile. Uyakuvuya ke ukuba sithi lizolile. Uqale ke uthi, "Siyakulungiselela ipikniki ngale mini." Uyakuthenga konke ukudla kwakho ulungiselele ukuphuma kuphela ngenxa yokuba i-almanaki isithi "lizolile."

Owu, mzalwana nodade, xa ubeka ukholo olungako kwisalatha-maxesha, kungani ukuba ungabi nakulikholwa iLizwi likaThixo? Khumbula ukuba uThixo wabasoloko enabo abakholwayo, kutheni ungabi ngomnye wabo nje? Funda kuMarko 16 ubone ukuba umyalelo wokugqibela owanikwa ibandla yayikukuphilisa abagulayo. Wathi "Imiqondiso ke eyakulandelana nabo bakholwayo nantsi."

Ukuba inkonzo yakho ithi iyakholwa ukuze imiqondiso ingalandeli, ngoko ke ngokweLizwi likaThixo abakholwa.

Ungabuza umntu namhlanje ngomqondiso onguwo wokholo bayakukukhombisa umntu ome kakuhle apha ekuhlaleni. Umntu ohlawula kakuhle phaya kwisitya senkongozelo yomnikelo. Owu sihlobo sam, abanye babo abanalwazi tu ngoThixo kanye njengokuba uNoqhakancu engazi ngesithwalandwe saseYiphutha, kanti ke abanye babo bakwazizifundiswa eziphume izandla zezikolo zebhayibhile. Kodwa akufuneki de ube sisifundiswa ukuze umazi uThixo. Kodwa kufuneka wenze okungaphezulu kwabanye babo, kufuneka ukholwe ke ukuba wenjenjalo imiqondiso ekuMarko 16:17-18 iyakulandela njengoko uYesu wathi iyakwenjenjalo.

Khumbula kuMarko 16 ithi shumayela iNdaba eziLungileyo kuyo yonke indalo. Usenokuthi, "Mzalwan'uBranham, yintoni

iNdaba eziLungileyo, ukuze sazi ukuba sinazo na nokuba asinazo. Ingaba ziliLizwi?"

UPawulosi wathi iVangeli iza kuthi kungengalizwi lodwa kodwa ngaMandla nokuBonakaliswa kukaMoya oyiNgcwele. Ngoko akufanelanga ube naMandla kaMoya oyiNgcwele ukuze ubonakalise imiqondiso kaMarko 16?

Khawutyhile kunye nam ku 2 Timoti, iSahluko 3 ubone indlela uMoya oyiNgcwele athi ngayo ngemihla yokugqibela abantu bayakuba nokumila kobukholwa kodwa bewakhanyela amandla ako, ke kwabanjalo ithi iBhayibhile khwebuka.

Ayingomqondiso wokuba siphila kwixesha lesiphelo lowo? Abantu bayawakhanyela amandla empiliso nokukhululeka ezonweni.

Iinkonzo ziya zibanda amaqondo obushushu ehlela kumashumi amathandathu ngaphantsi kweqanda. Awunakuba nalo uloyiso uqhube iMpiliso ngoMthandazo ngaxesha linye nemigidi yamakhasi nemidiza. Abanye abantu baya enkonzweni kusasa ngeCawe benezaga emlonyeni bekhangeleka njengengqukuva yenkabi yokuxhelwa yaseTexas. Ilizwi lithi kuthi simelwe kukuzicoca kuko konke ukungcola. Owu mzalwana, jika kwizinto zakho zasehlabathini ukhonze uThixo. Ngoko ke uyakukuvumela ukuba uhambe kwindlela yaKhe ephezulu yoBungcwele njengokuba wathetha ngayo u-Isaya 35.

Ukuba umntu othile ebenokukuzisela iphepha-mali lama-$70,000.00 ubuyakuqala ukuba novuyo. Ukuba bendiyakukubuza ukuba wonwatyiswe yintoni na kangaka, ubuyakuphendula uthi unama-$70,000.00. Ukuba ndiyayithandabuza ubuyakundinika iphepha-mali. Ukuba ndithi sisiqwenga nje sephepha esibhaliweyo ubuyakuphendula ngokukhawuleza uthi kwafuneka ukuba kubekho ama-$70,000.00 abhankishwe kuRhulumente waseMelika phambi kokuba kubhalwe iphepha-mali ngoko ke urhulumente uyayingqina.

Yazi ke ngoko ukuba uYakobi 5:14 uthi umthandazo wokholo uyakumsindisa ofayo. Usenokuthi liphepha nje elo elinombhalo kulo. Kodwa mzalwana, iZulu lonke liyayingqina iBhayibhile.

Xa ufunda iLizwi laKhe khumbula ukuba isithembiso eso siza kuwe. Qalisa ke ukuvuya ukholwa yaye Uyakukuphilisa.

UsekwanguThixo omnye namhlanje nangonaphakade. Amen.

Voice Of God Recordings, South Africa Office
P.O. Box 178, Somerset West, 7129 Cape Province, Republic Of South Africa

XHOSA

©1992 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org